

# Vuk'uzenzele



Produced by Government Communications (GCIS)

isiXhosa/English

| February 2017 Edition 1

## Education for all



**The State of the Nation Address**

Page 4



**Bicycles for KZN learners**

Page 5

**GOVERNMENT** is working to ensure that learners who are social grant beneficiaries have access to higher education.

**Noluthando Motswai**

The Department of Social Development, in partnership with the National Student Financial Aid Scheme (NSFAS), is making sure that children who receive social grants are able to further their studies at institutions of higher learning.

As part of the partnership, social grant beneficiaries would not be double means tested for financial eligibility.

"This policy-reforming initiative is in its infancy but it allows academically eligible

social grant beneficiaries not to be double means tested for financial eligibility. A special outreach project was initiated in October 2016,

which was aimed at reaching a large number of poor and vulnerable children in Grade 12 eligible to apply for NSFAS funding for the 2017 academic year," said Social Development Minister Bathabile Dlamini.

Minister Dlamini explained that as a way of providing comprehensive and integrat-

ed services for social grant beneficiaries, her department, the Department of Basic Education and the South African Social Security Agency signed a Protocol Agreement.

"The current Protocol Agreement was extended to include NSFAS to ensure that poor children have access to financial assistance to either study at universities or Technical and Vocational Education and Training (TVET) colleges."

At the heart of this initiative is tracking and reporting on the investment government is making to improve the quality of lives of children through linking of administrative data systems.

"This is made possible by

### Grant beneficiaries in numbers:

1. 188 758 matric learners were social grant beneficiaries.
2. 112 409 social grant beneficiaries who wrote matric were female and live in Gauteng and KwaZulu-Natal
3. 41 percent received a Bachelor's pass.
4. Every month, more than 12 million children receive social grants
5. Every month R11 billion worth of social grants are distributed to poor South Africans

> Cont. page 5



**ALSO AVAILABLE ON:**



@VukuzenzeleNews  
Vuk'uzenzele

Websites: [www.gcis.gov.za](http://www.gcis.gov.za)  
[www.vukuzenzele.gov.za](http://www.vukuzenzele.gov.za)  
E-mail: [vukuzenzele@gcis.gov.za](mailto:vukuzenzele@gcis.gov.za)  
Tel: (+27) 12 473 0179

**Free Copy**

**STATE OF THE NATION ADDRESS**

**Thursday, 09 February 2017, from 19:00**

#SONA2017

GovernmentZA

Live on television and radio.

Together we move South Africa forward

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

T 2030  
NDP

# Oosomashishini befenitshala abangamagqala bafumene inkxaso-mali

Zithini Dlamini

**E**mva kokuhuba ishini lefenitshala isithuba ezingaphezu lu kweminyaka engama-20, uTimothy Nhlengethwa waphantsa waphelelwa lithemba walilahla ishishini lakhe ngethuba lalingasenzi ngeniso.

Ngelixa ethatha inxa-xheba kwiintlanganiso ze-Nkqubo eBanzi yoPhuhliso lwamaPhandle (i-CRDP) eMkhondo apha angusihlalo wookopolotyeni bale ngingqi, uNhlengethwa waye weva ngoncedo olunkuthi luncede ishishini lakhe olunikwa amashishini asemaphandleni liSebe lo-Phuhliso lwamaPhandle noBuyekezo lwemiHlaba.

Waye walandelela waza ekugqibeleni wangenisa isicelo sakhe egameni le-One-goal Multiservice esathi samkelwa ngowama-2014.



UTimothy Nhlengethwa (ngasekunene) kune noBongani Mhlongo baneminyaka engama-20 besebenza kwi-shishini lefenitshala.

Isebe laye lasebenzisa ica-delio loPhuhliso lwamaShi-shini kune namaShishini asemaPhandleni (i-REID) lathengela ishishini lika-Nhlengethwa izixhobo zokwenza ifenitshala, oo-

matshini kune neempahlha zokunxiba zokusebenza.

Eli shishini linamalungu amahlanu aquka u-Nhlengethwa, ongusihlalo walo, abantu abathathu abatsha kune nababini abadala.

Lo kopolotyeni usebenzela kwisakhiwo esiqeshiweyo sikaMasipala weNgingqi waseMkhondo. Ifenitshala abayenzayo iquka iikhabathana ezineedro-wa, iikhabathhi zasekhi-

tshini neewodrophu kune neekhabathi zokugcina amaphepha nezokuhombisa.

USekela-Sihlalo walo kopolotyeni uBongani Mhlongo uthi banqwenela ukulikhulisa ishishini baze abathengi bagxalathelana ukuza kulo.

"Sifuna iholo lokubonisa ifenitshala yethu apha siza kubeka khona ifenitshala yethu," utshilo uMhlongo.

Isakhiwo abasebenzela kuso ngoku asisikhulwanga ngokwaneleyo ukuba bangasisebenzisa njengendawo yokubonisa ifenitshala yabo kodwa banethembalokuba eli phulo bakulo lokukhangela isakhiwo esikhulu ngokwaneleyo liza kuphumelela lakuba ishishini lithe lakhula. □

\*UZithini Dlamini usebenza kwiSebe laseMpumalanga loPhuhliso lwamaPhandle noBuyekezo lwemiHlaba.

## Ookopolotyeni basemaphandleni benza izigidi zeerandi INKXASO-MALI EVELA kurhulumente inceda amafama aseMpuma Koloni.

Siya Miti

**A**mafama aseMpuma Koloni ngoku athatha inxaxheba kumashishini okuhlela nokucola iimveliso zeZolimo, oku kwenzeke ngenxa yenksaso-mali evela kurhulumente.

NgeyoKwindla yowama-2016, uMphathiswa wePhondo (u-MEC) laseMpuma Koloni wezoPhuhli-so lwamaPhandle neeNguu kwezoLimo uMlibo Qoboshiyane waqalisu ukuthengisa kwiivenkile ezinkulu zale ngingqi iimveliso zombo-na ezinemibhalo ezilinywe ngookopolotyeni baseMqanduli abathandathu.

Okokuqala ezimbalini, la mafama ngoku akwazile ukuba umbona kune nomngqusho awuvelisileyo uthengiswe kwivenkile enkulu eOnce. Iimveliso zabo zifumaneka ngamaxamba azi-10.5kg, 12.5kg kune ne-40kg.

Eli nyathelo likhokelele ekubeni kumiselwe ooko-



Amafama asemaphandleni eMpuma Koloni ayaxhamla kumhlaba ofumaneke ngenksaso-mali evela kurhulumente.

PICTURE: ECRDA

polotyeni basemaphandleni abaphuma kwiZiko laseMqanduli loPhuliso lwamaShi-

**"Ukuba unikwe indlu njengenduku yomnquma, wena lima umhlaba ukwazi ukuba utye uze ukuthengise okushiyeyleyo."**

shini asemaPhandleni (i-RED) njengamafama arhwebayo nabacoli bokutya. Eli Ziko le-RED laseMqa-

nduli likarhulumente, eli-kunyaka wesithathu ngoku liqhuba, liyathembisa ukuba lingawenzela imali amafama akwisthuba sama-300 ali-qhubayo, utshilo lowo umele iZiko le-RED laseMqanduli uSithembile Zibi, ofundele ubugqwetha.

"Inqubo yeZiko le-RED ithatha iimveliso zethu izifake kwinkqubo zokuzi-lunga-lungisa, zihlelwu futhi zicolwe zide ziye kufikelela nakubathengi kwaye oko kwenze umahluko omkhulu kubomi bethu. Sithetha nje abantwana bethu baqeshwe

njengabaqhube beetele-tele okanye bakumaziko okuguba umbona apha bafumana khona uqequesho," utshilo uZibi.

UMphathiswa wePhondo uQoboshiyane ukuthazze uluntu ukuba lusebenzise umhlaba luvelise ukutya.

"Kufuneka siqonde ukuba ngoku asidlali, siyinxalenye yeshishini elibalulekileyo. Ukuba asikhuphi mveliso, ukutya kuza kubiza amaxabiso aphezelu. Ukuba unikwe indlu njengenduku yomnquma, wena lima umhlaba ukwazi ukuba utye

uze ukuthengise okushiyeyleyo."

Ngethuba enika ingxelo ngeziphumo zonyaka zakutsha nje ze-Arhente yo-Phuhliso lwamaPhandle yaseMpuma Koloni (i-ECRDA) uMlawuli Omkhulu wesiGqeba (i-CEO) wakwa-ECRDA uThozamile Gwanya wathi i-archente yephondo yophuhliso lwe-zolimo ivume izicelo zemalli-mboleko ezizigidi zee-randi ezili-14.8 eza kunceda oosomashishini base-maphandleni ngonyaka-mali wama-2015/16.

"Ngaphandle kwale mali-mboleko ikhoyo yokunce-disa kulimo lombona eMqanduli nakumaZiko e-RED aseNcora, kukwakho namanye amafama alimela ukutya kuwo aye acetyliswa ngenxa yokuba amasi-mi wawo emancinci ukuba kufuneka afake isicelo engamela ukuze abe nakho ukufumana imali-mboleko yokulima," ucacise watsho uGwanya. □

# Inkqubo yokuxhasa ikhulisa icandelo lezokhenketho eMntla Ntshona

**AMASHISHINI AMANCINCI** kwicandelo lezokhenketho asePilanesburg, eMntla Ntshona aza kuxhamla kule nkqubo intsha yokuxhasa amashishini asakhasayo.

**Albert Pule**

**I**Sebe lezoKhenketho liphehlelele iNkqubo yokuXhasa uPhuhli so lwamaShishini ezoKhenketho eza kuba yinkqubo esetyenziselwa ukuxhasa amashishini amancinci.

"Le nkqubo izu kugxinisa kumashishini amancinci, amancinane naphakathi (ii-SMME) akhoyo nanamathuba amahle okuqhuba kakuhle kumacandelo akhethiweyo ezo-kenketho. Ezi SMME kufuneka zibe ngamalungu ombutho waloo ngingqi wezokhenketho kwaye kufuneka zisebenze.

"Akunyanzelekanga uku- ba ezi SMME zenze ingeniso ethile ukuze zibe selunge- lweni lokuthatha inxaxheba kodwa ukuba inkcaza yawo esemthethweni ihambelana nale ikuMthetho woPhuhli-



UNkosu uNyala Pilane wesizwe saBakgatla ba Kgafela (ngasekhohlo), uMphathiswa wezoKhenketho uDerek Hanekom kune noMphathiswa wePhondo laseMntla Ntshona wezoKhenketho uDesbo Mohono ngethuba kuphehlelwa inkqubo yoPhuhli so lwamaShishini ezoKhenketho.

so lwamaShishini Amancinci isicelo sokubandakanywa kule nkqubo yokuxhasa ii-SMME singaqwalaselwa," utshilo uMphathiswa wezoKhenketho uDerek Hanekom ngethuba kuphehlelwa le nkqubo.

Uthe ukuze le nkqubo iphu- melele kufuneka nalo uluntu luthathe inxaxheba.

"Ukuze iinkqubo zethu ziphu-

melele zixhomekeke kuhlobo lweenkokeli ezikhoyo kune nokumisa kwengqondo yaba- ntu abo kune nokuba balu- nxanelwe kangakanani na uphu- hliso. Ukuba abantu bazimisele kakhulu loo nto iya kudalela abantu bakuthi ama-thuba."

Ethetha egameni lamashi- shini angama-50 ancedwe yile nkqubo yokuxhasa amashi-

shini asakhasayo, uSihlalo woMbutho waseBojanala wamaShishini Ahambisa Aba- khenkethi, uLester Ntsabo utha le nkqubo izu kwenza ukuba amashishini abo aqhube kakuhle kakhulu.

"Njengabanikazi bama- shishini ezokhenketho silu- funa ngokuyinene olu hlobo lwenkxaso ukuze sikhulise amashishini ethu. Icandelo lezokhenketho lelinye lamaca- ndelo abaluleke kakuhlu aqhube uqoqosho kwaye kuba- lulekile ukuba amashishini ezokhe- nkeho axhotyiswe ngezakhono futhi axhaswe nangurhulumente," utshilo uNtsabo.

Omnye ovumelana nala mazwi kaNtsabo nguZinzi Lekoalo yena oneshishini eli- yindlu-hotele, i-guesthouse, eMogwase. Waqala ishishini lakhe ngowama-2011 enendlu

enamagumbi amane kuhela. Namhlanje indlu yakhe uyanidisile ngoku inamagumbi okulala angama-25, igumbi lokubamba iintlanganiso, okubambela iingqungquthela, indawo ephucukileyo yokuse- la utywala kunye neyokutya.

Uthi unethembra lokuba ishishini lakhe liza kunci- da amashishini akufutshane nommandla wezokhenketho wasePilanesburg.

"Sijonge lukhulu ingaku- mbi kwabo banamaphupha okukhulisa amashishini abo, kuba baza kusibonisa indlela."

Isebe liza kunceda amashi- shini angama-50 ukuba afu- mane abantu abaza kuwase- benzisa, linike nooncedo ngokuqhube ishishini nange- ndlela yokulawula izimali.

Le nkqubo yokuxhasa ama- shishini izu kuqualiswa nase- Mpumalanga. □

## Ukusuka ekubeni ngunogada uye ekubeni ngumqashi

**IBALI LIKA-ELLIOT MAROBELA**

nokuba kuyintoni na.

libali lokusebenza nzima nangokuzimisela ukuze uphumelele

**Cathy Grosvenor**

**U**Marobela umisa iintente kufutshane nendawo awaza- lela kuyo, oku kwenzenka ngenxa yentsebenziswano phakathi kukarhulumente namashishini abucala (i-PPP) kukaMasipala waseThaba Chweu.

UMarobela wazalelwaa eMat- bidi, kumgama ozikhilom- tha ezingama-50 ukusuka eGraskop. Ungumnikazi we- Graskop Holiday Resort, eqa- she abantu abangama-26. Ibal- lakhe lingumzekelo wokuse- benza nzima nangokuzingisa into leyo eyamenza waphu- melela nangona engumntu ozalelwae emaphandleni aph- namathuba okufunda aye- nqongophole.

Umsebenzi wakhe wokuqala yayingowokuba ngunoga- da e-Overvaal Oorde. Ngoku- hamba kwexesha, lo msebenzi waye wamnika nethuba loku- ba ancedise nakwimisetye- nzana ekwidesika yokwamkela iindwendwe. Iminyaka emi- hlanu ebesebenza kwaye efun-

da eDamelin waze wa- phumelela i-Diploma in Office Administra- tion ngelithuba ese- benza ngokubambela kwidesika yokwa- mkela iindwendwe xa engangenanga kumsebenzi wakhe wokuba ngunogada. Zange athathe ixesha elide waye wenyu- selwa wasebenza kwidesika yokwamke- la iindwendwe ngokusigxina kwaze kungekudala emva koko waqeshwa njengo- mlawuli wezabasebenzi eWa- rmbaths.

Ngethuba ekwesi sikhundla abasebenzi bafumana iibho- nasi kabini ngalo nyaka, ut- shilo uMarobela.

Ngokuhambisana neeme- ko eztshintsha rhoqo eMzantsi Afrika, i-Overvaal Oorde yaye yenza utshintsho yazibiza ngokuba yi-Ave- nture (namhlanje kuthiwa yi-Forever Resorts) kwaye uMarobela waxhamla kwi- zifundo zokuqeleshwa usa- funda eziqhutywa yiBhodi

yoQeqesho yeCandelo lezo- kuTenda iiNdwendwe into leyo eyabangela ukuba amane etshintshwa-tshintshwa esisi- wa nakwezinye iihotele zale nkampani.

Waye wasebenza wada wenyselwa kule nkampani futhi waphumelela nezi- fundo zolawulo lweehotele. Ngowe-2008, waya wafuma- na isikhundla sokuba ngumla- wuli wehotele encinci kodwa eyayambethwe zingxaki e- White River. Kwesi sikhundla wanikwa umsebenzi onzima wokuba alungise iingxaki ezazambethe le hotele ayibus- sele kwimeko yayo yanga- phambili.



U-Elliott Marobela umnikazi weGraskop Holiday Resort unamaphupha amakhulu ngeshishini lakhe.

Emva kweminya- ka engama-22 ese- benza kwicandelo leehotele nokutenda iindwendwe, uMa- robela waye wagqiba kwelokuba ayishiye inkampani yakwa- Forever. Waye wenza umsebenzi wokuba ngumcebisi oyingca- li kwezinye iindawo zokulala iindwendwe, i-lodge, nezindlu-ho- tele kwakunye neerestyu e- Sabie.

Kwaye ngowe-2013, weva ukuba uMasipala waseThaba Chweu ufunu umntu ona- mava okusebenza afaneleki- leyo okuba angene kwi-PPP ukuze ahlakiye i-Graskop Holiday Resort eyayidumile ngaphambili, kodwa ekusele inethuba ngeloo xesa imeko yayo imaxongo. Kwiink- ampani ezazifake izicelo, inka- mpani kaMarobela iSre and Jre Investments and Trading (Pty) Ltd yiyo eyakhethwayo ngomhla wama-24 kweye- Dwarha ngowama-2013. Isivumelwano seminyaka

eli-15 saye satyikitywa emva koko, ngowama-2014.

Nangona uMarobela enga- zange akwazi ukufumana inkxaso-mali kurhulumente, uyaqhubeleka nokufakana imilomo neQumrhu loPhuhli so lwamaShishini (i-PIC).

Le ndawo yokuzonwabiswa, eyavula ngekaTshazimpunzi ngowama-2015, ngoku inamagumbi angama-26 asanda ku- lungiswa aphi iindwendwe zizenzelayo ukutya, abanye oorontawuli abali-12 bay- kwiwa. Ikwanayo nendawo yokumisa iikharaveni esele isecicini lokugqitywa ukwa- kwiwa.

Le ndawo yokuzonwabiswa – esekupheleni kwethambeka, umganyana onokuhambeka nangeenyawo ukuya edolo- phini nongemdanga kangako naxa uhamba ngemoto ukuya kwiindawo zaseMpumala- nga ezinomtsalane kubakhe- nkethi – izu kuvavanywa in- ikwe inqanaba lomgangatho wayo kungentsuku zatywala kwaye uMarobela unethem- ba lokuba izu kufumana iinkwenkwezi ezintathu. □